

ISIKHOKHELO SOMTHANDAZO

NgeLixa leSidima soMntu



SEASON OF
**HUMAN
DIGNITY**

ubuntu • waardigheid • botho



Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela nokuthengisa
umsebenzi wakhe lelama-2015 leBiblecor
IBiblecor lisebe leBible-Media
Private Bag X5, Wellington 7654
Iiodolo: 0860 26 33 42
www.biblemedia.org.za



Christian Literature Fund
Private Bag X19, Wellington 7654
021 873 6964
www.clf.co.za

Amalungelo onke ankonyiwe

Akuvumelekanga ukuba inxenye yale ncwadi iphinde iveliswe kwakhona nangaluphi na uhlobo, ngezixhobo ezisebenza ngombane okanye ngoomatshini, ukuquka isikhutshelo esenziwe ngokufota, ukurekhoda okanye nangaluphi na uhlobo lokugcina okanye ukufumana kwakhona ulwazi ngaphandle kwemvume ebhaliweyo evela kumpapashi.

Ngaphandle kokuba kukho okunye okwazisiweyo, zonke izicatshulwa ezikule ncwadi zithathwe kwi-The Holy Bible, New International Version.
Copyright. 1984, International Bible Society.

Ngemvume

Iyilwe kwaye yalungiswa nguNatascha Olivier
Kwi- 10 pt eyi- 13.5 pt Adobe Caslon Pro

Ishicilelwe yabotshwa yadityaniswa yiPaarl Litho
Rhebok Close, Wellington Industrial Park, Wellington, 7655
Uhlelo lokuqala, ushicilelo lokuqala ngomnyaka wama-2015

ISBN 978 0 86487 795 6

Isiqulatho

Isetyenziswa njani le ncwadi 1

Imbeko 2

Intshayelelo namalungiselelo 3

Imithandazo yoku

1. Ukwamkela 3

2. Ukwabelana 5

3. Ukunikela nokuzibophelela 6

Ukumamela 6

Intshayelelo namalungiselelo 6

Imithandazo yoku

1. Ukwamkela 7

2. Ukwabelana 8

3. Ukunikela nokuzibophelela 10

Ukwamkela 10

Intshayelelo namalungiselelo 10

Imithandazo yoku

1. Ukwamkela 10

2. Ukwabelana 23

3. Ukunikela nokuzibophelela 24

Ukungazingci-uthando 26

Intshayelelo namalungiselelo 26

Imithandazo yoku

1. Ukwamkela 26

2. Ukwabelana 28

3. Ukunikela nokuzibophelela 30

Isetyenziswa njani le ncwadi

Wamkelekile kwiLixa leSidima soMntu! Injongo yeli Xesha asiyonto engaphantsi kokuhlaziywa kwenkangeleko yoMzantsi Afrika ngamandla aphilisayo kaThixo abuyisela isidima somntu ngamnye.

Kuba ingumsebenzi kaThixo lo, kufuneka siqale ngomthandazo.


NguThixo yedwa onokufikelela ezintliziyweni zabantu enze inguqu.

Kufuneka sikhale kuThixo khonukuze kwenzeke oku.

Le ncwadana yenzelwe ukunceda abantu, kodwa ngakumbi amaqela abalandeli anyanisekileyo ka- Yesu Krestu ukwenza oko. Ngokuzithoba sizisa imithandazo emiselweyo enokusetyenziswa xa amaqela ngamaqela enkonzweni ehlanganisene kunye.

Le mithandazo imiselweyo asiyomigaqo esekelwe iindibano zamaqela amancinci kodwa ingasetyenziswa njengemithandazo yokuvula zonke iintlangano zabefundisi, iibhodi zecawe, abasebenzi becawe, iiseshoni zesicwangciso esinobuchule bokuphatha, kunye,ewe, namaqela amancinci. Kwalapha kukwakho nemithandazo emiselweyo yeentlanganiso zolutsha,iintlanganiso zeenkokheli kunye neentlanganiso apho kubakho kuphela oomama okanye ootata.

Izinto ezine ezingundoqo zeLixa leSidima soMntu- *imbeko (intlonipho),ukumamela(ukuphulaphula),ukwamkela nothando* –zisinika imixholo yemithandazo emiselweyo. Sikhuthaza



ukusetyenziswa kwemithandazo emiselweyo eyahlukileyo ngalo lonke ixesha iqela elithile lihlangana, kwaye akwaba ingalandelelana ngale ndlela le ncwadana yenze ngayo.

Xa kusetyenziswa imithandazo emiselweyo kumaxesha alandelelanayo, sikwacebisa ukusetyenziswa kwamakhandlela amane. Khanyisa ikhandlela libe linye xa usenza umthandazo omiselweyo wembeko. Khanyisa ikhandlela lesibini ngeli lixa neliya lokuqala lisavutha, xa usebenzisa umthandazo wesibini omiselweyo - le iyeyokumamela, njalo njalo.

Noxa imithandazo emiselweyo yenziwe ngohlobo lokuba isetyenziswe ingumqulu omnye, nceda khululeka umana ucaphula apha, ufakela phaya, xa kukho isidingo soko. Ukuba imithandazo emiselweyo ethiwe thaca apha ivuselela ezakho iingcinga zemithandazo, uyalinikwa ilungelo lokuba umana uhlanga-hlengisa utshintsha.

Le mithandazo emiselweyo yenzelwe ukuba bonke abantu bathabathe inxaxheba. Kuso sonke esi sikhokhelo sisithethe ukuba itekisi ebhalwe bukekela icengcelelwa ngaxeshanye.

Umthandazo ngamnye omiselweyo uqulathe izinto ezintathu – *ukwamkela, ukwabelana, ukunika nokuzibophelela*. Oko sikufumana kuThixo, sabelana ngako, omnye nomnye. Mhlawumbi ungafuna ukuqala indibano nganye okanye intlanganiso ngezi zimbini zokuqala izinto uze ugqibele ngeyesithathu.

Fred Schoeman (umhleli) • Andries Hoffman
Elize Morkel • Tipi Jacob Nthakhe
Cas Wepener

Intlonipho

Intshayelelo namalungiselelo

Abathathi-nxaxheba bacula ingoma yokutshayelela ngelixa amalungiselelo okukhanyisa amakhandlela amane amele ezi ziseko zingundoqo zobuntu zine zeLixa leSidima Somntu eqhubeka. Ikhandlela ngalinye malikhanyiswe ngumntu ngamnye omele iicawe ezahlukeneyo okanye abahlali abakhoyo, abantwana, abafazi, amadoda, abameli bamapolisa okanye nabani na omnye umntu okwisikhundla sokongamela, (ngakumbi onxibe iyunifomu). Ukuba ezi ntlanganiso zine zemithandazo ziqhubeka kwizihlandlo ezilandelelanayo kwiqela elinye labantu, ikhandlela elinye lingakhanyiswa qho kwezo ntlanganiso zemithandazo, kude kube akhanyisiwe omane kwaye ayavutha.

Amacandelo ahlukeneyo, izifundo ezithi Ukucinga ngeLizwi likaThixo neziBhalo, zingafundwa yinkokheli okanye ngabantu abahlukeneyo ngeli lixa imithandazo ifundwa liqela lonke.

1. Ukwamkela

Ukucinga ngelizwi likaThixo

Imbeko esinayo kwabanye abantu izalwa yimbeko esinayo kuThixo ('ukoyika uThixo') esekelwe kwindlela esimxabisa ngayo, isidima asinika bonke abantu awabadala ngokomfanekiso wakhe wabanyula njengabameli bakhe,

izicaka ezingabalawuli kweli lizwe (iGenesis 1:23-28, iNdumiso 8). Osukuba eqalekisa isithulu, abeke umqobo phambi kongaboniyo okanye abangele ukuba umntwana akhubeke, uya kujamelana noThixo onengqumbo (iLevitikus 19:1-4, 9-14, Matewu 18: 6). KuIsaya 59 uThixo uzigquma ngenzondelelo nangempindezelo egameni labo bangaphathwangwa ngobulungisa. Kodwa uhleli ezimisele ukuba nguMhlanguli kwabo bazivumayo izono zabo (ivesi 20). Ngoko ke isidima sethu,imbeko, ukuzihlonela kwethu nokuhlonela abanye abantu, konke oko ekugqibeleni kuhambelana nokuba KUKRESTU kwethu owafela izono zethu. UKrestu ububulumko, ubulungisa, ubungcwele nokuhlawulelwa kwethu (1kwabaseKorinte 1:26-31)). NgoMoya wakhe uyababuyisela aboni babe ngumfanekiso wakhe. Asisazijongi iziqu zethu nabanye abantu ngokomgangatho wabantu (ivesi 26), kodwa sibajonga ngamehlo kaThixo anovelwano. Sibabona ukuba banjani ngenxa kaKrestu, nokuba bangaba yintoni na ngentsebenzo kaMoya oyiNgcwele. Ngoku ngokwezinto ezingundoqo ezimangalisayo zobukumkani bakhe, abajongelwa phantsi nabacekiswayo baxabiseke ngokukodwa yaye bafanelwe yimbeko (1kwabaseKorinte 12: 21-25). Ngaxeshanye iBhayibhile isimemelela ukuba sibahlonele abo uThixo abachongela (besazi okanye bengazi) kwizikhundla zolawulo. Naxa bengaphumeleli, naxa bephenduliswa, njengoko sifanele ukwenza, simele ukukwenza oko ngomonde nembeko. (IKhathekizimu yaseHeidelberg 104-ingcaciso yomthetho wesihlanu).

Iziquendwana ezinokufundwa

iGenesis 1:23-28,iNdumiso 8,iLevitikus 19:1-4, 9-14,
uMatewu 18:6,1 kwabaseKorinte 1:26-31,12:21-25.

Umthandazo wokwamkela

Siyakubonga, Nkosi, ngembeko nesidima osinika sona
ngabanye, ngakumbi abo bacekiswa nabangamkelwayo.

Nkosi, siyakubonga.

Siyalwamkela uNcuthu lweeNdaba zokuba wayihlamba yonke
inkohlakalo yethu ngoKrestu waza wahlisela uMoya wakho
kuthi sonke kangangoko ukuze sibuyiselwe ekubeni
ngumfanekiso wakho.

Nkosi, siyakubonga.

Sibulela isipho esingumzimba wakho, icawe, apho bonke
abantu bamkelekileyo, banikwa imbeko ngobunjalo babo.

Nkosi, siyakubonga.

Siyakubulela ngelungu ngalinye elibonakalisa le mbeko ecaweni
nakwihlabathi, kubazali, kubantu abadala, kubantwana,
kwabahluphekileyo, kwabanobulwelwe, kwabasemagunyeni,
naphi na apho abasemagunyeni baphatha abanye abantu
ngembeko, babakhonze ngendlela nawe okhonza ngayo.

Nkosi, siyakubulela.

Ingoma yokubonga okanye yokufundwa

Indumiso 145 (ngakumbi *iivesi* 8-9,13-14) okanye 146:5-10.

Ukunika nokwamkela isidima

Ngexa lemizuzwana yenzolo umntu ngamnye uxhamla ubukho babanye abantu, abanike isidima naye amkele isidima abamnika sona, ngokuthi abonise nje ukuba kululutho ukuba kunye ezinyaweni zeNkosi.

2. Ukwabelana

Ukucinga ngelizwi likaThixo

EBhayibhileni sifumana imizekelo emininzi yabantu abathe ngokuzingca babonisa ukungabahloneli mpela abanye abantu. KwiGenesis 19:4-9 onke amadoda aseSodom, asematsha namadala, afuna ukudlwengula undwendwe lukaLothe, umntu wasemzini. KuBagwebi 19 amadoda akhohlakeleyo aseGibheya afuna ukwenza kwale nto inye kumLevi owayelele ubusuku kwisixeko sabo. Ekugqibeleni wabanika ishweshwe lakhe abalidlwengula baphinda baliphatha kabuhlungu ubusuku bonke lada labhubha. KwiGenesis 38 uYuda walala nehenyukazi waphinda emva koko wafuna umolokazana wakhe axulutywe ngamatye xa wathi wakhulelwa, qha wafumanisa ukuba konke oku kwenziwe kukungakhathali kwakhe nokulalalana kwakhe namadoda. Sifunda kwincwadi kaYakobi 2:1-4 ukuba ibandla lanika izihlalo amadoda azizityebi aneengubo eziqaqambileyo, ngeli lixa wona amahlwempu aneengubo ezimdaka kwakufuneka emi ngeenyawo okanye ahlale phantsi bhaxa. Ezoo zityebi azizange zikwazi ukubhatala abasebenzi bazo, zagweba zabalala abantu abamsulwa.

Ngoko ke ngenxa yezi zinto, kunye neminye imizekelo eziBhalweni, masizijonge thina ngeliso elibukhali, sijonge iintsapho zethu, iintlangano, ilizwe kunye nehlabathi. Kuphi apha kweli hlabathi lethu apho ubona khona eyona ntswela-mbeko emandla?

(Oku kungaquka ubomi babantu, iintsapho, amagama, okukokwabo, ixesha kunye nomsebenzi. Kwakhona kungabandakanya nendalo.)

Umthandazo wesililo

Siyalila, owu Nkosi, naphi na apho ukungahloneli kuphikisana nesidima owasinika sona, nokuba ngabasemagunyeni kuluntu okanye abantu kwabasemagunyeni, abaqeshi kubaqeshwa okanye abaqeshwa kubaqeshi, abantu abancinci kubantu abadala okanye abadala kwabancinci.

Sixolele, siyakuthandaza.

Siyalila, owu Nkosi, naphi na apho sithe saphatha indalo yakho ngokungenantlonipho, ubomi babanye abantu, umsebenzi, okukokwabo, amagama, imitshato kwakunye neentsapho.

Sixolele, siyakuthandaza.

Siyalila, owu Nkosi, naphi na apho sithe sanegalelo khona kuluntu olunjalo ngokungafundisi kwanokungaluphili uNcuthu lweeNdaba zothando lwakho kumntu wonke.

Sixolele, siyakuthandaza.

Siyalila, owu Nkosi, naphi na apho okwethu ukuphila kamnandi kusenze saziimfama sangaboni kwaye

sangakukhathaleli ukuhlupheka okuhlutha abanye isidima sabo.
Nkosi, yiba nenceba kuthi.

Ingoma yesililo okanye ukufunda

INdumiso 142 okanye 94.

Umthandazo wokuphilisa

Siyakucela sikubongoza kananjalo ukuba uzise ukuphila kwaye uvuselele imbeko yomnye komnye, kwiintsapho zethu, ilizwe lethu kunye nehlabathi. Sithandazela uqoqosho olumileyo nolunobulungisa kwakunye nokuba bonke abathathi-nxaxheba babe negalelo ngokunyanisekileyo kwimeko enjalo apho bonke ubuqili nobutyebi bethu bungasetyenziswa ngendlela eya kuthi iwugcine iwuphucule umgangatho wobomi bomntu wonke, Siyakucela ukuba uvuselele intlonipho nakubantu esingaphili nabo kule miba ilandelayo: _____.

(Abathathi-nxaxheba bafumana ithuba lokubiza imiba ethile kwezinye iindawo ehlabathini.)

Siyakucela ukuba ubuyisele intlonipho ehlabathini ngaphaya kweendawo esihlala kuzo kule miba ilandelayo: _____.

(Abathathi-nxaxheba bafumana ithuba lokubiza izinto ezithile ndaweni zimbi apha ehlabathini.)

3.Ukuzinikela nokuzibophelela

Ukucinga ngelizwi likaThixo

EBhayibhileni sikwafumana imizekelo yabantu ababehlonela abanye yaye bebakhusela okanye bevuselela isidima sabo, umzekelo kukukhuselwa kukaRute nguBhowazi kuRute 2:8-9; umSamariya oLungileyo kuLuka 10:33-35, kwakunye noYesu ephatha ephilisa indoda eneqhenqa kuMarko 1:41.

Umthandazo wokuzibophelela

Owu Nkosi, salufumana uthando lwakho olugqithisileyo singalufanelanga.

Ngoko ke, siyazibophelela ukuzama mihla yonke ukubonisa olo thando lunye omnye komnye emakhayeni ethu,
kumabandla,
ezikolweni,
apho sisebenza khona kwakunye nalapho sidlala khona,
apho sikhokhela khona kwakunye nalapho silandela khona.

Intsikelelo

Abathathi-nxaxheba bafumana ithuba lokubonisa intlonipho omnye komnye njengoko kuqhelekile kwiinkcubeko zabo ezahlukileyo okanye ngokubambana ngelixa becula ingoma elungeleyo kwaye befumana iintsikelelo zabo zokugqibela.

Ukumamela

Intshayelelo namalungiselelo

Abathathi-nxaxheba bacula iculo eliyintshayelelo ngeli lixa kusenziwa amalungiselelo okulayita ikhandlela lesibini kumakhandlela amane amele izinto ezingundoqo ezine zexesha lesidima somntu. Ukuba ngaba le ndibano ibakho nje kube kanye, ingaphindi yenziwe, amakhandlela mawalayitwe onke omane.

1. Ukwamkela

Ukucinga ngelizwi likaThixo

Into yokuqala engundoqo eyintonipho eyimbeko isizisa kweyesibini ekukumamela. Ukuba ngaba uyamhlonela umntu uza kummamela loo mntu. Ukumamela kunzima kakhulu kubantu abaninzi, ngakumbi kule mihla siphila kuyo. Siphila kumaxesha axakeke kakhulu anezinto ezininzi ezithethwayo esizivayo, kodwa ukumamela ngenyameko kunye nokuqonda nzulu ngazo zonke izinto ezithethwayo, kufuna izakhono ezithile okanye ke ubuncinane ilinge elondeleleneyo ekwenzeni oku. Sicebisa ukuba ngokubhekisele kwisidima somntu, kufuneka sizimisele ukumamela sisezingqondweni sivule amehlo malunga namazwi amathathu, ubuncinane angala: isiBhalo; abantu esidibana nabo njengabantu abadalwe ngokomfanekiso kaThixo; kwaneemeko ezi siphila phantsi

kwazo. Ngokwesikhokhelo soMoya sikholelwa ukuba ngokuphulaphula la mazwi, sisondelela kufutshane ekuqondeni nzulu ilizwi likaThixo apho sikhoyo.

Iziqendwana ezicetyiswayo ezingafundwa

IEksodus 3; 1 yooKumkani 3:16-28; 19; uYobi 42; iNdumiso 19: 29; uMatewu 25; KwabaseFilipi 1:9; KumaHebhere 13.

Umthandazo wokumamela (oqingqiweyo)

Omnye kufuneka abe phambili njengenkokheli akhokhele iqela kulo mthandazo wokumamela:

- Hlala ngendlela oya kuthi uzive ukhululekile ngayo, kwaye uvale amehlo akho.
Yithi cwaka ...
- Ziphumze ngokuthi uzive uphefumla: phefumlela ngaphakathi nzulu uphinde uwukhuphe umoya ngokucothayo (phinda-phinda amaxesha amaninzi). Ngaba uyawuphulaphula, uwuva umphefumlo wakho? Inzolo ...
- Jonga wena kuphela ngokuthi, umzekelo, ujonge kwenye kuphela kwizivo zakho, njengokuva. Qwalaselisisa oko ukuvayo. Yithi cwaka ide inkokheli ichaze okulandelayo.
- Ngokujonga kubantu okhe wadibana nabo nothe wathetha nabo kwezi ntsuku zidlulileyo. Ngaba iincoko zazingantoni kakhulu? Ngaba mhlawumbi uThixo uthetha ngabo?
- Cinga ngobume bemeko ophila phantsi kwayo: ziintoni ezona ziganeko zingundoqo ezindabeni kwihlabathi jikelele ... nasesizweni ... kwidolophu / kwisixeko sakho

nakubantu ohlala nabo kwakunye nebandla ... kubomi nosapho lwakho?

- Omnye ufunda kancinci esinye sezi ziqendwana zilandelayo. Ngaba uThixo ufuna ukucinezela into ethile entliziyweni yakho? Inzolo ...
- Vula amehlo akho ngeli xesha omnye efunda ngokuphandle ekhwaza isiqendwana esilandelayo.

Kumalunga nomthandazo nenzolo –Søren Kierkegaard

(Inkokheli okanye umntu onyulwe liqela angafunda umbongo ngokukhwazayo)

Njengoko umthandazo wam usiya uqapheleka kwaye ungaphakathi

Ndiye andabi nanto yakuthetha ngakumbi nangakumbi

Ekugqibeleni ndathi cwaka mpela

Ndaqalisa ukumamela

Okukokona kumke mpela ekuthetheni

Kuqala ndandicinga ukuba ukuthandaza kuquka ukuthetha

Ndabuya ndafunda ukuba ukuthandaza kukuva

Asikokuthula nje

Kunjalo

Ukuthandaza akuthethi ukuzimamela uthetha

Ukuthandaza kuquka ukuthi cwaka,

kwanokuthi cwaka,

nokulinda ade uThixo aviwe.

Ukufunda

(Kwakhona inkokheli okanye umntu onyulwe liqela angafunda ngokukhwazayo. (INdumiso 19)

2. Ukwabelana

(Sebenzisa nawuphi na kule mithandazo ilandelayo.)

ILitani yokuphulaphula

Nkosi, siyakuva, ngaphaya kwemilinganiselo, xa siphulaphula abantu abasijikelezileyo.

Nkosi, sincede

Inzolo ...

Nangalo lonke ixesha esifunda ngalo iBhayibhile yethu, ikakhulu siva oko besihleli sikwazi kunye noko sinqwenela ukukuva.

Nkosi, sincede

Inzolo ...

Kwakhona nelizwe esiphila kulo, silifumana silibona njengesoyikiso, ngaphezu kokuba silibone lizele bubukho bakho.

Nkosi, sincede

Inzolo ...

Ekuvunduzeni nasekushukumeni kwenzolo yemimoya, uThixo ukhona.

Nkosi, sincede

Inzolo ...

Inkosi uYesu owabethelelwayo liGama elinenyama.

Thetha, Nkosi

Inzolo ...

Kumazwi abahambi nawabangaphandle apha phakathi kwethu,
kuvakala ilizwi leengelosi neliphuma kuThixo ngenkqu.

Thetha, Nkosi

Inzolo ...

Amen.

Bawo wethu

Bawo wethu osezulwini

Malaziwe liblonelwe igama lakho

Sincede sikwazi ngokwenene

Ukulandela emva kwakho kunye noko sikwaziyo ngawe
eziBhalweni

ukufuna kwakho ubulungisa, inyaniso nenceba

mabufike ubukumkani bakho

Sikhokhele njengecawe yakho

Ukulwa umlo olungileyo ehlabathini

Kwaye sibe zizitya zomdongwe eziza kubukwa nguwe

Makwenziwe ukuthanda kwakho, ehlabathini njengasezulwini

Sincede singevi ezethu iziqu

Kwaye sinyanzelise okwethu ukuthanda kwabanye abantu

Koko simamele ngenene kwaye siwuqonde nzulu umsebenzi
ekufuneka wenziwe

Sibonelele kwizidingo zethu zemihla ngemihla

Zikhathalele izidingo zethu zomzimba

Uwavule amehlo ethu kwizidingo zabanye abantu

*Usixolele amatyala ethu njengokuba nathi sibaxolela
abanamatyala ethu.*

Sixolele ngokungabaphulaphuli abo basijikelezileyo
siphila nabo.

Kwaye ngamanye amaxesha side singababoni
Ungasiyekeli ekulingweni, koko siblangule kumtyholi;

Nkosi, senze somelele ngoMoya wakho

Ukuze sithi, njengabathwali bomfanekiso wakho, sizibambe
singahendeki singabahloneli abantu.

*Kuba ngenene nguwe olawulayo, namandla ngawakho, nodumo
kude kube ngunaphakade.*

Oku sikuthandaza ngeGama lakho, Thixo oZiqu zithathu

Ekudalwe BONKE abantu ngokomfanekiso wakho.

Amen

Umthandazo owenziwa ngokukhululekileyo.

Inkokheli inika ithuba lokuthandaza ngokukhululekileyo.

Abathathi-nxaxheba bangenza umthandazo bewenzela

ngakumbi abo bangaviwayo kuba:

- bebelwe ecaleni
- behlwempuzekile
- bengenamandla
- beyimilwelwe
- bebancinci
- bebadala
- benamabala athile ababekwa wona
- be-ethe-ethe

- bengabantu bamazwe angaphandle
- bengabantu abafuna ukubukwa njengeendwendwe.

Umthandazo wokunikela

(Inkokheli okanye ubani onyuliweyo liqela ingafunda lo mthandazo ulandelayo ngokuvakalayo okanye iqela lonke lingathandaza lonke ngazwinye.)

Umthandazo kaFrancis oNgcwele waseAssisi

Nkosi ndenze isixhobo soxolo.

Apho kukho intiyo, mandityale uthando;

Apho kukho ukwenzakala , uxolelo;

Apho kukho ukungavisisani, imvisiswano;

Apho kukho impazamo, inyaniso;

Apho kukho ukuthandabuza, ukholo

Apho kukho ukungabi nathemba, ithemba;

Apho kukho ubumnyama, ukukhanya;

Apho kukho usizi, uvuyo.

O, Nkosi eNgcwele, ndenze ndingafuni kangako

Ukuxoliswa koko ndixolise;

Ukuqondwa koko ndiqonde;

Ukuthandwa koko ndithande .

Kuba kusekunikeni apho sithi sifumane;

Kusekuxoleleni apho sithi sixolelwe;

Kwaye kusekufeni apho sithi sizalelwe ubomi

obungunaphakade.

Amen.



3. Ukunikela nokuzibophelela Ukuthumela

Xa sinduluka kweli, singena kumthandazo
omiselweyo wobomi ...

Yiyani ehlabathini: niphulaphule abo
banamazwi azolileyo nawaba ethe-ethe.

Siya ngengqiniseko yeentsikelelo zikaThixo.

Yiyani ehlabathini: phulaphulani intlungu yehlabathi
elidingayo.

Siya ngengqiniseko yofefe lukaThixo.

Yiyani ehlabathini: qondani nzulu oko uMoya kaThixo
asifundisa nasikhumbuza kona.

Siya ngengqiniseko yothando lukaThixo.

Hamba ngoku; khumbula ukuba ungubani kwaye ungokabani.

Ukwamkela

Intshayelelo namalungiselelo

Abathathi-nxaxheba bacula iculo lentshayelelo ngeli xesha kusenziwa amalungiselelo okulayita ikhandlela lesithathu kumakhandlela amane awamele izinto ezine ezingundoqo zesidima somntu. Ukuba ngaba le yintlangano ebakho kube kanye nje, layita omane amakhandlela. (Sukuwalayita amakhandlela okwangoku – oku kuya kwenzeka mva.)

1. Ukufumana

Ukucinga ngelizwi likaThixo

Xa sihlonelana, siyamamelana. Xa simamelana siyaziva izidingo zabanye abantu, iinkxalabo zabo kwaye nokuqal'ugwebe kwethu kuyemka. Ngoku ke sitsho sikwazi ukwamkelana. Ukwamkelana kubonakalisa ukuphilelana okungenameko itheni. Uyise wonyana wolahleko wamamkela wamwola unyana wakhe owayephume ecaleni xa wathi wabuya (Luka 15). Kuloo meko injalo, uyise wamamkela unyana ngentliziyo yakhe yonke ngaphandle kwamathandabuzo. UThixo wenza kanjalo nakuthi. Nathi kufuneka senze kanjalo kwabanye abantu, ngakumbi kwabo sicinga ukuba oku akubafanelanga kangako.

Iziqendwana ezingafundwa

KumaGalati 3: 28; 1 kaYohane 3:17; uLuka 6: 36; ekaYakobi 3: 9-10; uYohane 15: 17; uMatewu 19: 13-15; uMarko 2:16; uYohane 4: 4-42; uLuka 15.

Umthandazo wokwamkela

Inkqubo ekuqhutywa ngayo:

Umntu omnye ulayita ikhandlela lesithathu ngeli xesha athi:
UYesu wathi: Ndilukhanyiso lwehlabathi. Lowo undilandelayo, akasayi kuhamba ebumnyameni, koko uya kuba nokukhanya okububomi.

Umthandazo

Nkosi, njengoko sisiza kuwe, siyaluva ulwamkelo lwakho nothando,

Thixo onemfesane, siyakudumisa yaye sikubulela,

Nkosi siyabuva ubushushu bokwamkelwa nguwe,

Thixo onofefe siyakudumisa yaye sikubulela,

Nkosi sikhangele kuwe njengomthombo wempilo yethu nesidima

Mdali weento zonke, siyakudumisa yaye sikubulela.

Ingoma yokubonga (ayinyanzelekanga)

Isifundo

(Umkhokheli okanye umntu onyulwe liqela angafunda indumiso okanye iqela lingayifunda kunye.)

INdumiso 133

2. Ukwabelana

Umthandazo wokuvuma izono

(Bonke abantu bathandaza kunye)

Thixo onoxolo, uyasithanda, kodwa thina asikuthandanga.

Uyabiza, kodwa asiphulaphulanga.

Siyabatyeshela abamelwane benezidingo.

Siyabalahlala abo bantu ubamkelayo.

Sithe phithi yimicimbi yethu.

Sixolele, siyakuthandaza; ngoYesu Krestu iNkosi yethu.

(Ithuba lokuthandaza ngokuthe cwaka uvuma izono)

Yiva uncuthu lweendaba : UKrestu wasifela ngelixa sibe singaboni. Oko kubonakalisa uthando lukaThixo kuthi.


NgeGama likaKrestu, uxolelwe.

NgeGama likaKrestu, uxolelwe. Makadunyiswe uThixo.

Amen.

Umthandazo wabantu

Thixo ongunaphakade, wasithumela uMsindisi, uKrestu Yesu, ukudiliza iindonga zentiyo ezisahlulayo. Shenxisa intiyo nokuqal'ugwebe kuthi nakubantu bonke, ukuze abantwana bakho babe noxolelwano nabo siboyikayo, sibacekisayo, okanye sibazondayo yaye sihlale eluxolweni lwakho, ngoKrestu Yesu iNkosi yethu.



Yiva imithandazo yethu, O, Nkosi.

Masithandazele iintshaba zethu.

(Ithuba lemithandazo emifutshane eyenziwa ngamalungu eqela okanye kuthandazwe ngokuthe cwaka)

Yiva imithandazo yethu, O, Nkosi.

Masithandazele uxolo noxolelaniso...

Yiva imithandazo yethu, O, Nkosi.

Masithandazele ukuphela kokurhala, amagunya nomona, zinto ezo ezisahlukanisayo.

Yiva imithandazo yethu, O, Nkosi.

Masithandazele uthando, uxolo nolonwabo nayo yonke into eyenza sibumbane.


Yiva imithandazo yethu, O, Nkosi.

Masithandazele abo balahliweyo baze bangamalolo....

Yiva imithandazo yethu, O, Nkosi.

3. Ukunikela nokuzibophelela Ukucinga ngeLizwi likaThixo

Iqela, limi ngeenyawo, liyawolana, yaye lithi: “*Wanga uThixo angakuthi wambu ngemfesane nofefe lwakhe.*” Emva koku, iqela liyema lenze isangqa, libambane liwolane, ngelixa umkhokheli akhokhela iqela ngomthandazo:



Nkosi, wena wasidala ngokomfanekiso wakho, wena wasenza sangaphantsi kancinane kwizithunywa zezulu waza wasithi jize ngentlonipho;

wena wasinika ubukhosi kumsebenzi wezandla zakho;
wena uthe wabeka zonke izinto phantsi kolawulo lwethu;
Sinike ubulumko nengqondo yokuphelisa imiqobo eyahlulahlula abantu uzise ubulungisa, imvisiswano noxolo ehlabathini lakho.

Thixo ongunaphakade, mlawuli wezinto zonke ezisezulwini nasemhlabeni,

yamkela imithandazo yabantu bakho, uze usomeleze ekwenzeni intando yakho

ngoYesu Krestu.

Amen.

Ukuba eli qela linye lifuna ukuqala indibano yalo elandelayo ngemithandazo emiselweyo yothando olungazingciyo, amalungu ayacelwa eze nezipho ezincinane ezinjengeeswiti, iitshokoletshi okanye nantoni na encinane kakhulu abaza kwabelana ngayo njengophawu lothando nokungazingci

Ukungazingci - uthando

Intshayelelo namalungiselelo

Abathathi-nxaxheba bacula iculo lokutshayelela ngelixa amalungiselelo okulayita ikhandlela lesine elimele le nto ingundoqo yexesha lonyaka lesidima somntu aqhubekayo.

1. Ukwamkela

Ukucinga ngeLizwi likaThixo

Into engundoqo yesine eluthando ngathi ihle kakhulu kuluntu oluninzi ehlabathini liphela. Nakwimeko yethu yaseMzantsi Afrika, ubomi kuluntu oluninzi ububona ngengqumbo, ubundlobongela nentiyo kangangokude umntu azibuze ukuba kwenzeke ntoni kubuntu nexabiso lothando nokungazingci. Kwincwadi yabaseRoma 13:8 sikhunjuzwa ngelona xabiso likhulu lothando nokungazingci, ethi iBhayibhile iyithathe le nto njengokutyalana kwabantu nokutyala uThixo. Apha uPawulos uthi, "Musani ukuba natyala lanto." Njengakuyo nayiphi na inkqubo elungileyo yezezimali, ityala malihlawulwe ukuze ungangeni enkathazweni. Ngoko ityala amaKrestu atyalana lona natyala lona uThixo, kufuneka ukuba lihlawulwe ukuze kungabikho ngxaki phakathi kwabantu bebodwa naphakathi kwabantu noThixo. Xa uthando lungekho phakathi kwabantu, xa uthando lungekho phakathi kwabantu noThixo, kuya kuba khona ityala lothando nokuzingca. Eli lityala

esibizelwe ukulihlawula sonke ukuze kube khona ukuhlala kakuhle phakathi kwethu sonke eluntwini. Nje kwakwenzeka oku, ubulungisa, uxolelaniso, umanyano, uthando, uxolo nemvisiswano ziza kugunya phakathi kwabantu noThixo.

Iziqendwana ezingafundwa

ILevitikus 19:18; INumeri 14:18; iDuteronomi 6:5; uMatewu 5:43; 25; uYohane 13:34; KwabaseRoma 8: 35; 1 Kwabase-Korinte 13:1; KwabaseFilipi 2: 1: 1 kaYohane 2: 9

Umthandazo wokwamkela

Nkosi, siyabulela yaye sikudumisa ngobunjalo bakho nangezinto osenzela zona. Sibulela sikudumisa ngenkathalo yakho neentsikelelo zakho kubomi bethu.

Thixo, qhubeka nokusisikelela.

Nkosi, siyakubulela ngeentsapho zethu, abazali bethu, oobhuti noosisi bethu kweli nakwihlabathi liphela .

Thixo, qhubeka nokusisikelela.

Nkosi, siyakubulela ngoogxa bethu, abahlobo, abamelwane nesizwe sethu, sikubulela nangabantu esihlangana nabo yonke imihla, nokuba sibaqhelile okanye ziindwendwe.

Thixo, qhubeka nokusisikelela.

Thixo, siyakubulela ngobomi nazo zonke iintsikelelo zakho, nceda, Nkosi, qhubeka nokusisikelela. Amen.

Njengoko sesimdumisile sambulela uThixo ngeentsikelelo zakhe kuthi, masijonge kwiinkonzo zethu noluntu, sikhankanye abo bantu abayidingayo imithandazo yethu ukuze sibathandazele.

(Abathathi-nxaxheba bakhankanya abo bacinga ukuba bayayidinga imithandazo, lize iqela libathandazele litshintshana, abantu abanjengabagulayo, abangenamakhaya, abangenamisebenzi, nabo bancama ubomi babo ngokuzinikela njengamapolisa, amanesi, oogqirha, kunye nootitshala.)

Ingoma yendumiso okanye yokufunda

(ayinyanzelekanga)

2. Ukwabelana

Umthandazo wokwabelana

Thixo Mdali, menzi wobomi nothando, ngoKrestu uYesu uNyana wakho, usibonisile uthando olunyanisekileyo nokungazingci. Ngenxa yokusithanda kwakho ude wancama uNyana wakho ekuphela kwakhe omzeleyo ukuze sibe nokusindiswa.

Nkosi, sibulela ukwabelana nathi ngoNyana wakho.

Nkosi, ngoku siyaqonda ngesipho sothando nokungazingci, ufuna nathi sithandane size ngokungazingeli sizinikele omnye komnye sabelane ngokuncinane esinako.

Nkosi, sibulela ukwabelana nathi ngoNyana wakho.

(Ithuba lokuthi cwaka.)

Nkosi, usinike amadoda nabafazi, amakhwenkwe namantombazana anesidima kuluntu lwethu. Nkosi, abantu bakho abafungileyo ukuma balwele inyaniso nokunyaniseka phakathi korhwaphilizo, ubuqhinga nayo yonke into ebonisa ukungcola. Benze babe yinkazimlo phakathi kobumnyama;

benze iimpawu zethemba phakathi kokungabi nathemba, ukuze kubo nangabo, sibe nokwazi okulindeleyo kuthi sonke. *Nkosi, sibulela ukwabelana kwakho nathi ngoNyana wakho.*

3. Ukunikela nokuzibophelela

Umthandazo wokunikela nokuzibophelela

Oobhuti noosisi, lixsha ngoku lokwabelana omnye nomnye izipho esize nazo njengophawu lothando nokungazingci esizifunde kuKrestu uYesu iNkosi yethu.¹

Njengoko kusabelwana ngeziphoo, bobabini umphi nomphiwa bathetha la mazwi omnye komnye:

UMPHI: Thatha esi siphoo njengophawu lothando nokungazingci.

UMPHIWA: Enkosi wanga uThixo angakusikelela.

BONKE: Enkosi, Nkosi, ngokuncinane esabelene ngako omnye nomnye. Njengokuba simka kule ndawo, sincede sabelane nabo badingayo, abahluphekileyo, abalambileyo, abangenamakhaya, abangasebenziyo, abagulayo, abangamalolo nabo baselusizini. NgoYesu siyathandaza. Amen.

ULUTSHA

Umthandazo wokwamkela

Thixo ongunaphakade, usenze ngokomfanekiso wakho waza wathuma uNyana wakho ukuze asihlangule.

1 Kulo mba “wokuza nento kwabelwane” amalungu acelwa ukuba eze neziphoo ezincinci ezifana neeswiti, iitshokholethi okanye nayiphi na enye into encinane kakhulu abangabelana ngayo njengomqondiso wothando nokungazingci.

Nkosi, sincede siblonelane yaye siblonele wonke umntu.

Thixo ongunaphakade, abantu abaninzi kangangoko abakhathazekileyo, abasentlungwini nabaphuke imiphefumlo badinga ukuphiliswa nguwe.

Nkosi, sincede sivule iindlebe zethu sive isikhalo sabadingayo.

Thixo ongunaphakade, iindonga ezininzi, imisantsa emininzi, intiyo enkulu isahlula phakathi.

Nkosi, sincede singcibe iintanda, sihambelane, sithandane, samkele abanye.

Thixo ongunaphakade, siyavuma ukuba siye sazixakekisa ngezidingo neentswelo zethu.

Nkosi, sincede sivelise imo yobucaka obunyanisekileyo ukuze sibe nokukhonza ngothando nangokungazingci.

Umthandazo wokwabelana

Khokhela ulutsha luthandaze ngalo mhobe “Die kind (wat doodgeskiet is deur Nyanga)”Umntwana(owadutyulwa ngamajoni wabhubha eNyanga)” nguIngrid Jonker. Lo mhobe uyafumaneka nangesiNgesi, uthi “The child (who was shot dead by soldiers at Nyanga)”. (Uguqulelwe ngu Antjie Krog noAndre P Brink.) Uya kuwafumana amazwi alo mhobe (ngesiBhulu nesiNgesi) e-<https://dustymuffin.wordpress.com/2007/10/13/die-kind-ingrid-jonker/>

Imithandazo yokwabelana ngokukokwakho.

1. Inkokheli iqala ngokufunda iivesi zomculo okanye

ngokudlala ingoma ethi “The Living Years” ngokubhalwe nguMike noMechanics(ephelleyo ifumaneka kwi-intanethi).

Every generation / Blames the one before
And all of their frustrations / Come beating on your door
I know that I’m a prisoner / To all my father held so dear
I know that I’m a hostage / To all his hopes and fears
I just wish I could have told him in the living years

INKOKHELI:

kuYohane 17 uYesu uthatha lo mba wokungavisisani kwezizukulwana kumthandazo wakhe. Masithandazeni: Bawo endimthandayo, kuYohane 17 wawungathandazeli kuphela abalandeli bakho ngelo xesha, wawuthandazela nabo bakholelwa kuwe ngemiyalezo yabo...

Ukuze sonke sibe banye.

Nkosi, usinike umzekelo, njengokuba ukuYihlo naye ekuwe ngoMoya ongaphakathi ...

uYise, uNyana noMoya benguThixo omnye

Ukuze sonke sibe banye.

Nkosi Thixo, uYesu ukwenze sakwazi, sakuqhubekeka ukukwenza waziwe ukuze uthando onalo ngakuye lungakuthi nathi ukuze noYesu abe ngakuthi.

Ukuze sonke sibe banye

Emveni koko ihlabathi liza kwazi ukuba wathumela uYesu Krestu yaye wasithanda njengoko wamthanda naye. Amen.

2. Khokhela ulutsha ulufundisa lo mhobe kaLina Spies uthi

“’n Paternoster vir Suid-Afrika” Ungawafumana amazwi
alo mhobe kwi [http://www.woorde.co.za/Digters/
Lina_Spies.html](http://www.woorde.co.za/Digters/Lina_Spies.html)

Umthandazo wokunikela nokuzibophelela

LelikaNdikhoyo ihlabathi liphela , nako konk’okukulo,
ndixel’ilizwe elimiweyo kunye nabemi balo(Indumiso 24:1).
Barwo osemazulwini, siyakuvuma ukuba uyiNkosi yendalo yonke.
Namkele ngesisa, ke ngoko yiphani ngesisa (Matewu 10:8b)
Nkosi Yesu Krestu,njengoko uzinikele kuthi,
Siza kuzinikela kwabanye.

Ohlwayela kancinane, naye uya kuvuna kancinane, ohlwayela
kakhulu,uya kuvuna isivuno esikhulu naye (2Kor 9:6)
Moya oyiNgcwele,mniki nomhlaziyi wobomi, osikhokelayo
nolawula ubomi bethu,yiba nathi kuko konke esikuthethayo
nesikucingayo,kuko konke esikwenzayo,ngoku nangemihla yonke.

ABAFAZI

Umthandazo wokwamkela

Thixo ongunaphakade,wasenza ngokomfanekiso wakho wakho
waza wathumela uNyana wakho ukuba aze kusihlangula ...
Nkosi sincede siblonelane yaye siblonele wonke umntu
Thixo ongunaphakade abaninzi kangako abakhathazekileyo,
abasentlungwini nabaphuke imiphefumlo badinga
ukuphiliswa nguwe

Nkosi, sincede sivule iindlebe zethu ukuze sine isikhalo sabadingayo

Thixo ongunaphakade, iindonga ezininzi kangako, imisantsa emininzi kangako, intiyo eninzi kangako, zonke ezi zinto zisahlula phakathi

Nkosi, sincede singcibe iintanda, sihambelane, sithandane, samkele nabanye

Thixo ongunaphakade, siyavuma ukuba sizixakekise ngezidingo neentswelo zethu,

Nkosi, sincede sivelise imo yobucaka obunyanisekileyo ukuze sikhonze ngothando nokungazingci.

Umthandazo wokwabelana

(Inkokheli ifunda umthandazo wesicelo lize iqela linike ixesha elaneleyo kumntu wonke ukuba athandaze ngokuthe cwaka okanye ngokuvakalayo, iqela lonke lize ligqibezele lonke ngazwinye lingxengeza lisithi, "Nkosi, yiva umthandazo wethu").

Nkosi, sithandazela ukubuyiselwa kwesidima sabafazi, kwilizwe lethu.

Nkosi, yiva umthandazo wethu.

Nkosi sithandazela abafazi abaninzi kwilizwe lethu abahlala ekuhluphekeni.

Nkosi, yiva umthandazo wethu.

Nkosi, sithandazela bonke abafazi abangenamaqabane nabanakekela abantwana babo.

Nkosi, yiva umthandazo wethu.

Nkosi, sithandazela bonke abafazi abaphethwe kakubi okanye abahleli benoloyiko.

Nkosi, yiva umthandazo wethu.

Nkosi, sithandazela bonke abafazi abanengculaza nezinye izifo ezixhalabisayo.

Nkosi, yiva umthandazo wethu.

Nkosi, sithandazela bonke abafazi abanegalelo kwidabi lokulwela ukulingana ngokwesini.

Nkosi, yiva umthandazo wethu.

Nkosi, sithandazela bonke abafazi abakwizikhundla zobunkokheli, kuburhulumente bethu, ezicaweni, ekuhlaleni nasemisebenzini.

Nkosi, yiva umthandazo wethu.

Nkosi, sithandazela bonke abafazi abanegalelo kuqoqosho naselusatsheni ngokusebenza nzima ngaphandle nasemakhayeni abo.

Nkosi, yiva umthandazo wethu.

(Ithuba lomthandazo ovulelekileyo).

Nkosi, yiva umthandazo wethu. Amen.

Umthandazo wokunikela nokuzibophelela

LelikaNdikhoyo ihlabathi liphela nako konk'okukulo ndixel'ilizwe elimiweyo kunye nabemi balo (Indumiso 24:1)

Bawo wethu osemazulwini, siyavuma ukuba uyiNkosi yendalo yonke

Namkele ngesisa, ke ngoko yiphani ngesisa (Matewu 10:8b).

Nkosi Yesu Krestu, njengoko uzinikele kuthi, siza kuzinikela kwabanye.

Nize nikhumbule ukuba ohlwayela kancinane uvuna kancinane, ohlwayela kakhulu aze avune isivuno esikhulu. (2 Kor 9:6)

Moya oyiNgcwele, mniki nomhlaziyi wobomi, osikhokelayo nola-wula ubomi bethu, yiba nathi kuko konke esikuthethayo nesikucingayo, kuko konke esikwenzayo, ngoku nemihla yonke.

AMADODA

Umthandazo wokwamkela

Thixo ongunaphakade, wasenza ngokomfanekiso wakho waza wathumela uNyana wakho ukuba aze kusihlangula.

Nkosi, sincede siblonelane yaye siblonele wonke umntu.

Thixo ongunaphakade abaninzi kangako abakhathazekileyo, abasentlungwini nabaphuke imiphefumlo badinga ukuphiliswa nguwe.

Nkosi, sincede sivule iindlebe zethu ukuze sive isikhalo sabadingayo.

Thixo ongunaphakade, iindonga ezininzi kangako, imisantsa emininzi kangako, intiyano engako isahlula phakathi.

Nkosi, singcibe iintanda, sibambelane, sithandane samkele abanye.

Thixo ongunaphakade, siyavuma ukuba siye sazixakekisa ngeemfuno neentswelo zethu,

Nkosi, sincede sivelise umoya wobucaka obunyanisekileyo ukuze sikhonze ngothando nangokungazingci.

Umthandazo wokwabelana

Thixo onenceba, njengamadoda ahlangele apha, siyavuma ukuba amaxesha amaninzi asibaphathanga ngembeko abanayo kuwe.

Sixolele, siyakuthandaza.

Siyavuma ukuba amaxa amaninzi iindlebe zethu bezingaziva izikhalo zababuthathaka nabadingayo.

Sixolele, siyakuthandaza.

Siyavuma ukuba amaxa amaninzi sisilele ekuncedeni nasekwamkeleni abanye.

Sixolele, siyakuthandaza.

Siyavuma ukuba amaxa amaninzi asivumanga ukuzenza idini sithande yaye sinike.

Sixolele siyakuthandaza.

(Ithuba lomthandazo othe cwaka wokuvuma izono)

Thixo onesisa, ngenxa yokuphuphuma kweemfefe zakho kuthi imihla ngemihla neminyaka ngeminyaka,

Siyakubulela.

Ngobomi, ngothando, ngobudlelwane, ngosapho nangezihlobo,

Siyakubulela.

Ngeempilo namandla, ngezidingo ezizalisekisiweyo,

Siyakubulela.

Ngeentliziyo ezinika imbeko koko sikuthetha kwabanye,

Ngeendlebe ezivulekileyo ukuba zimamele izidingo zabanye,,

Ngeengalo ezisoloko zilindele ukwamkela abacinezalweyo nabanyashiweyo,

Ngeentliziyo ezizele luthando oluvuselela ukuzenza idini ngokunika,

Sikukhonza ngovuyo. Amen.

Umthandazo wokunikela nokuzinikela

LelikaNdikhoyo ihlabathi liphela nako konk'okukulo ndixel'ilizwe elimiweyo kunye nabemi balo (Indumiso 24;1)

Bawo wethu osemazulwini, siyavuma ukuba uyiNkosi yendalo yonke

Namkele ngesisa, ke ngoko yiphani ngesisa (Matewu 10:8b).

Nkosi Yesu Krestu, njengoko uzinikele kuthi, siza

kuzinikela kwabanye.

Ohlwayela kancinane, uvuna kancinane, ohlwayela kakhulu avune isivuno esikhulu. (2 Korinte 9:6)

Moya oyiNgcwele, mniki nomhlaziyi wobomi, osikhokelayo nolawula ubom bethu, yiba nathi kuko konke esikuthethayo nesikucingayo, kuko konke esikwenzayo, ngoku nemihla yonke.

IINKHOKHELI

Umthandazo wokwamkela

Thixo ongunaphakade, wasenza ngokomfanekiso wakho waza wathumela uNyana wakho ukuba aze kusihlangula.

Nkosi sincede ukuba siblonelane yaye siblonele wonke umntu.

Thixo ongunaphakade abaninzi abakhathazeke kangako, abasentlungwini kangako nabaphuke imiphfumlo badinga ukuphiliswa nguwe.

Nkosi, sincede sivule iindlebe zethu ukuze sive isikhalo sabadingayo.

Thixo ongunaphakade, iindonga ezininzi kangako, imisantsa emininzi kangako, intiyo engako zonke ezi zinto zisahlula phakathi.

Nkosi, sincede singcibe iintanda, sihambelane yaye sithande samkele abanye abantu.

Thixo ongunaphakade, siyavuma ukuba sizixakekise ngezidingo neentswelo zethu.

Nkosi, sincede sivelise umoya wobucaka obunyanisekileyo ukuze sikhonze ngothando nangokungazingci.

Umthandazo wokwabelana

Yesu Krestu, oyinkosi noKumkani wethu,
Siyakululamela

Yesu Krestu, Nkosi neKumkani yethu,
Sincede sikulandele kuyo yonke into,

Yesu Krestu, Nkosi neKumkani yethu

Senze siblonelane sibhonele nabanye – yaye sibe ngumzekelo nakwabanye,

Yesu Krestu, Nkosi neKumkani yethu, sincede simamelane yaye simamele nabanye - sibancede nabo benjenjalo. Yesu Krestu, Nkosi neKumkani yethu,

Sincede samkelane sonke ngokungenamkhethe – yaye siphembelele nabanye benjenjalo,

Yesu Krestu, Nkosi neKumkani yethu

*Sincede singazingci, sithandane yaye nabanye sibathandese-
sikhuthaze abanye ukuba bathandane benze nemisebenzi elungileyo.*

Thulula uMoya wakho phezu kwethu,

Singa singavelisa iziqhamo zothando, uvuyo noxolo- kwilizwe elikunxanelwe oku.

Nkosi sithandazela ...

(Ithuba lomthandazo ovulelekileyo)...

Amen.

Umthandazo wokunikela okuzibophelela

LelikaNdikhoyo ihlabathi liphela nako konk'okukulo ndixel'ilizwe elimiweyo kunye nabemi balo (Indumiso 24:1).

Bawo wethu osemazulwini, siyavuma ukuba uyiNkosi yendalo yonke.

Namkele ngesisa, ke ngoko yiphani ngesisa (Matewu 10:8b).

Nkosi Yesu Krestu, njengoko uzinikele kuthi, siza kuzinikela kwabanye.

Ohlwayela kancinane, uvuna kancinane, ohlwayela kakhulu, avune isivuno esikhulu. (2 Korinte 9:6).

Moya oyiNgcwele, mniki nomhlaziyi wobomi, osikhokhelayo nolawula ubomi bethu, yiba nathi kuko konke esikuthethayo nesikucingayo, kuko konke esikwenzayo, ngoku nemihla yonke.

ISIKHOKHELO SOMTHANDAZO

NgeLixa leSidima soMntu

linjongo zeli Lixa leSidima soMntu kukuvuselela uMzantsi Afrika ngamandla kaThixo okuphilisa ngokubuyisela isidima sawo wonke umntu. Singayinxalenye yalo msebenzi kaThixo ngomthandazo.

Le ncwadana yenzelwe ukunceda abantu namaqela alandela uYesu Krestu ngokunyanisekileyo, ukuze athandaze qha. Izinto ezine ezingundoqo ngeli **Lixa leSidima soMntu** ezi zezi: imbeko, ukumamela, ukwamkela nokungazingci (uthando) – zinika umxholo wemithandazo emiselweyo. Umthandazo ngamnye unxantathu: ukwamkela, ukwabelana, ukunika nokuzibophelela.

Oko sikufumana kuThixo, masabelane ngako sinike nabanye.

ISBN 978-0-86487-795-6



9 780864 877956 >

